

IMIGAQO ENGOKUSETYENZISWA KWAMANZI IMISELWE NGOKUSISIGXINA

Imigaqo yoMthetho kaMasipala engezaManzi ithi isebenze ngawo onke amaxesha nokuba kukweliphina inqanaba lesithintelo sokusetyenziswa kwamanzi.

Ukusetyenziswa kwamanzi ngaphandle nangaphantsi komhlaba

- Ukunkcenkceshela kuvumeleke kuphela ngaphambi kwentsimbi ye-09:00 okanye emva kweye-18:00 (ukuthintela ukunyuka komphunga wamanzi ngexesha lokutshisa lasemini). Oku kujoliswe ekunkcenkcesheleni ngamanzi aselwayo kamasipala, ezitsala-manzi nawamaqula.
- Izixokelelwane ezifefeza oku kwemvula (apho kuvumelekileyo) kufuneka zibenako ukumiselwa ngendlela efanelekileyo kwaye zibenakho ukulungiselelwa ukuze kuthintelwe inkcitho yamanzi.
- Ukusetyenziswa kwemibhobho yokunkcenkceshela okanye ekuhlanjweni kwezithuthi, amaphenyane neekharavani (apho kuvumelekileyo) kufuneka oko kufakelelwe isixhobo esifanelekileyo esilawula ukuphuma kwamanzi esifana nesifefezi okanye isixhobo esizivalayo ngokunokwaso.
- Akuvumelekanga ukuhlamba okanye ukugalela amanzi ngombhobho wamanzi imigangatho eqinileyo okanye iindawo ezizipavumente ngamanzi aselwayo kamasipala. Abasebenzisi bamanzi, abafana nezilarha zokuxhelela, imizi-mveliso ecokisa necwangcisa ukutya, amaziko onakekelo, iindawo zokugcina izilwanyana neminye imizi-mveliso okanye amaziko aneemfuno ezikhethekileyo (eziphathelene nezempilo/nokhuseleko kuphela) kufuneka benze izicelo zokukhululelwa kwezi zithintelo.
- Iitephu ezingaphandle, ngaphandle kwezo zikwiipropati zokuhlala, kufuneka zikhuseleke ukuze kuthinteleke usetyenziso lwamanzi olungagunyaziswa.
- Amanzi akwizitsala-manzi nakumaqula kufuneka asetyenziswe ngobuchule nangokufanelekileyo.

Ukulungela kweetephu, iindawo zamagumbi angasese neeshawa

- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kwiintloko zeeshawa ezintsha nezitshintshiweyo kufuneka zingadluli kwiilitha ezisi-7 ngomzuzu.
- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kuyo nayiphina itephu efakelwe kwisitya sokuhlambela, akufunekanga udlule kwiilitha ezi-6 ngomzuzu.
- Izityana zokukhongozela amanzi ezintsha nezitshintshiweyo kwigumbi langasese azinakho ukudlula kwiilitha ezi-6 ngokomthamo.
- Izityana zokuhlambela izandla neeshawa ezibonelelwe kwizakheko zoluntu kufuneka zifakelelwe iitephu zohlobo olulungiselelwe oko.

Amaqula okuqubha

- Onke amaqula okuqubha kufuneka egqunyiwe ngeziququbutheli zamaqula ukuze kuthintelwe ukuphuma komophu xa engesetyenziswa.
- Azivumelekanga izixokelelwane ezizenzekelayo zokugcwalisa kusetyenziswa uvaluvu ongaphezulu kwamanzi osebenzisa umthombo wamanzi aselwayo ukubonelela amaqula okuqubha namachibi aseadini.

Ukuhlanjwa kwezithuthi

- Imizi-mveliso yokuhlamba izithuthi kufuneka ithobeke ezona ndlela zamkelekileyo zokusetyenziswa kwamanzi ngokwesithuthi ngasinye esihlanjwayo - umzekelo kurisayiklshwe kwaye kusetyenziswe kwakhona umlinganiselo ongama-50% wamanzi asetyenzisiweyo.

Iindawo ekuqhubeka ulwakhiwo kuzo

- Amanzi aselwayo kaMasipala awanakho ukusetyenziswa ukuba afumise isanti yokwakha nezinye izinto zokwakha ukuze kuthinteleke ukuba loo santi ingakhukhuliswa ngumoya.

Jonga uMthetho kaMasipala ongezamanzi wango-2010, njengoko wathi walungiswa ngo-2018 - ishedyuli-1, ukuze ufumane umbhalo ongqalileyo

www.capetown.gov.za/thinkwater

www.capetown.gov.za/waterregulations



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. **Sisonke.**